URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Andre Lakey**
ICandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo
Andre.Lakey@westerncape.gov.za | 021 467 2025

Inombolo yefayili: 18/2/R
Isalathiso: 20241024-7637

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loKuxhasa amaZiko ngeZibonelelo: 0013/2024

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko kwiZithili, kuBalawuli beZithili, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakwiZikolo zeZakhono ezineendlela zeskim soThutho lwaBafundi (*Learner Transport Scheme routes)*

**ISihloko: Ukusilela okuqatshelweyo ngethuba lokuhlolwa kweendlela zeSkim soThutho lwaBafundi nguMphicothi-zincwadi Jikelele**

1. Ngethuba lomjikelo wokuhlolwa kweencwadi zemali ka-2023/24, ummeli we-ofisi woMphicothi Jikelele (AG) uhlole iindlela ze-*LTS* ezikhethekileyo eNtshona, nokuthe kwaquka ukuhlolwa kweemiqathango yolawulo kwiinkonzo zothutho lwabafundi ezikolweni.

2. Kufunuyaniswe oku kulandelayo malunga nolawulo, ukubekwa esweni nokuqwalaselwa kweendlela ze-*LTS* nguMphicothi-zincwadi. Apha ngezantsi sisishwankathelo seziphumo zoko kuqatshelwe kwiindlela eziye zakhethelwa oku:

   (a) Bekungekho bungqina bokuba kukho abantu abanikwe umsebenzi wokongamela iindlela ze-*LTS* kwizikolo ezithile yaye akukho maxwebhu acacisa le misebenzi afunyenweyo ukulungiselela aba bantu.
   (b) Bekungekho bungqina beenkqubo zolawulo (*monitoring controls)* ezithe zaphunyezwa ukuqinisekisa ukuba ngabafundi abagunyazisiweyo kuphela abasebenzisa inkonzo yothutho.
   (c) Bekungekho nkqubo yokubeka esweni ukuba ngaba abafundi abasebenzisa inkonzo yothutho, ngokwenene bebenegunya lokuyisebenzisa le nkonzo yothutho.
   (d) Abafundi abahleli kwisitulo esifakwe ibhanti yesitulo *(a seat fitted with a seat belt*) abangakhange bayisebenzise ibhanti yesitulo.
   (e) Kufunyaniswe iziphene ezibonakalayo kwizithuthi ezithutha abafundi. Izikolo bezingayisebenzisi ifom yeSebe i-*Western Cape Education Department (WCED) 095 form (Vehicle Inspection Checklist*) ukuhlola imbonakalo yezithuthi ezisetyenziswa kwiindlela ze-*LTS*.
   (f) Bekungekho bungqina bokuba izikolo ziyakurekhoda ukusetyenziswa kwezithuthi ezingagunyaziswanga kwiindlela zoThutho lwabafundi.

3. **Ukuqwalasela nokubekwa esweni kweendlela ze-*LTS* sisikolo**

3.1 Imanyuwali eyi-*Standard Operating Procedures (SOP)* yolawulo lwe-*LTS* ichaza inqununu njengegosa elinoxanduva lomsebenzi wolawulo lwayo yonke imiba emalunga neendlela ze-*LTS* esikolweni. Iinqununu ke ngoko kufuneka ziqinisekise ukuba iyenziwa imisebenzi eyindima yesikolo ngokumalunga nolawulo lweendlela ze-*LTS*, ukubekwa esweni kokwenziwa kweenkonzo, nokuqwalaselwa okuqhelekileyo kwemisebenzi yeendlela ze-*LTS*.

3.2 Ukuba inqununu ikhetha ukudlulisela amagunya olawulo lweendlela ze-*LTS* kwisikolo, kuyimfuneko ukuba imisebenzi ye-*LTS* yabelwe igosa ekudluliselwe kulo amagunya ngencwadi ebhaliweyo.

4. **Ukuphunyezwa komqathango wolawulo (*control measure*) ukuqinisekisa ukuba ngabafundi abagunyazisiweyo kuphela abathuthwayo**

4.1 Ukuqinisekisa ukuba ngaba kuthuthwa abafundi abagunyazisiweyo kuphela kwiindlela ze-*LTS*, iinqununu mazabele amagosa kangangenani elifanelekileyo lo msebenzi wokubeka esweni ukuba ngaba amagama abafundi abakhwela isithuthi se-*LTS* emva kwemini, ukuphuma kwesikolo ayangqinelana na nawabafundi abadweliswe kwiziko ledatha leskim sothutho lwabafundi kwi-*CEMIS*.

4.2 Ukuncedisa ababeki-liso ekuqapheleni abafundi abagunyazisiweyo, makusetyenziswe indlela abanokwaziwa ngayo abafundi ukuba bangobani na (umz. amakhadi okuzazisa *(identification cards)*/iileniyadi (*lanyards*)/iithokheni (*tokens*)). Oku kuya kuvumela ababeki-liso bebhasi (*bus monitors*) ukuba bazi ngokulula ukuba ngabaphi na abafundi abagunyazisiweyo ukuba bakhwele ibhasi esikolweni emva kwemini. Ukuba umfundi akanayo into emchazayo ukuba ungubani na, umbeki-liso webhasi makanike ingxelo malunga noku kwinqununu / kwigosa ekudluliselwe kulo amagunya nomakenze amalungiselelo ngoko nangoko okungeniswa kwefom yesicelo kwikhompyutha ukwenzela ukubandakanywa kwabafundi kule ndlela, ukuba ngaba abafundi bakulungele ukuthuthwa.

4.3 Iinqununu zimele ukukuthathela ingqalelo ukusetyenziswa kweshedyuli yokutshintshana *(rotation schedule)* ukwenzela imisebenzi yokubeka esweni ibhasi.

5. **Ukusetyenziswa okufanelekileyo kweebhanti zezitulo kwizithuthi**

5.1 Kuyimfuneko ngokwe-*Road Traffic Act* ukuba apho izitulo zifakelwe amabhanti, mawasetyenziswe ngokufanelekileyo.

5.2 Iinqununu maziqinisekise ukuba abafundi banolwazi ngale mfuno imiselweyo.

6. **Ukuhlolwa kwembonakalo yezithuthi**

6.1 Ngokwe-*SOP*, ukulungiselela ukulawulwa kwe-*LTS,* iinqununu/amagosa ekudluliselwe kuwo amagunya, makazihlole izithuthi, kube kanye ngenyanga, ukuhlola imo yesithuthi (yezithuthi) yaye azalise ifom i-*WCED 095 form*. Iikopi zezi fom mazifayilishwe njengenxalenye yefayili ye-

*LTS* ukwenzela loo ndlela yaye mazingeniswe kunye nebango laqho ngenyanga. Nakuphi na ukusilela okuqatshelwe kwizithuthi makuthathelwe ingqalelo ngokubonisana nomboneleli-nkonzo.

6.2 Iinqununu maziqinisekise ukuba isithuthi/izithuthi ezisetyenziswa kulo ndlela ngokwenene zikugunyaziselwe ukusebenza kuloo ndlela. Isithuthi/izithuthi ezigunyazisiweyo kwiindlela ze-*LTS* zinokujongwa kwiziko ledatha le-*LTS* kwi-*CEMIS*. Iziko ledatha le-*LTS* lendlela ethile linokufunyanwa kwiprofayili yesikolo kwi-*CEMIS,* kusetyenziswa ezi thebhu: *Administration >> Learner Transport >> Approved Routes >> LTS Route Details tabs*.

6.3 Ukuba isithuthi sisetyenziswa kwindlela isithuthi esigunyaziswe kuyo, ngoko ke ukusetyenziswa kwesithuthi esingagunyaziswanga makunikwe ingxelo ngako kwiCandelwana leSkim soThutho lwaBafundi kuNdlunkulu weSebe i-*WCED* (ltsvehiclereplace@westerncape.gov.za) nakumagosa e-*LTS* kwi-ofisi yesithili echaphazelekayo.

7. Kucelwa wazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-MS ABRAHAMS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEZEMFUNDO**
**UMHLA:** 2024-11-08